

# Iibhokhwe ezintathu



Ithatyathwe entsomini yaseNorway  
Imizobo: Helga Hoveka



Iibhokhwe ezintathu  
zazihlala endulini.

Ingca yayimdaka ngebala.


Iibhokhwe zilambile.





Iibhokhwe zajonga ngaphaya  
kwebhulorho.

Zabona ingca eluhlaza.



Ibhokhwana encinane yaqala yahamba.

Izim lathi, “Ngubani oqakatha ebhulorhweni yam? Ndiza kukutya!”

“Ungandityi!” Yatsho ibhokhwana encinane.



Yalandela ibhokhwe  
ephakathi. Izim lathi,  
“Ngubani oqakatha  
ebhulorhweni yam? Ndiza  
kukutya!”

“Ungandityi!” Yatsho  
ibhokhwana ephakathi.





Ibhokhwe enkulu yalandela.  
Izim lathi, “Ngubani  
oqakatha ebhulorhweni yam?  
Ndiza kukutya!”  
“Ngekhe unditye!” Yatsho  
ibhokhwe enkulu. Yalityhalela  
emanzini izim. Dyumpu!



Iibhokhwe ezintathu zatya  
ingca eluhlaza, ngolonwabo!





# Isiphelo

